## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Ngudadobawo wakhe.√ (1)

1.1.2 Eyokuba uYolisa akanakuthetha ngokwenda engazange ende yena√√/eyokumnqanda ukuba angathethi ngento angayaziyo.√√ (2)

1.1.3 Ngowokuthandana kukaLungile√/ukuhamba ezihotele namabhinqa etshatile√/ukunganyaniseki kukaLungile emtshatweni.√ (1)

1.1.4 Sesokutyobozwa kwemoto yomsebenzi kaLungile nguNomakhwezi √√/ingxabano enkulu phakathi kukaNomakhwezi noLungile.√√ (2)

1.1.5 Sisikweko.√ (1)

1.1.6 B√/B. Lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe√/ lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe.√ (1)

1.1.7 Xa kutshawuza imibane sukuba wonke umntu ekwimeko yonxunguphalo ngenxa yemozulu enxunguphalisayo√ umbhali utyhila umsindo kaNomakhwezi ofaniswa nokutshawuza kwemibane nangeli xesha alinde uLungile umsindo wakhe usiya ukhula ngokukhula oku kanye kwemo yezulu√√/umbhali utyhila umsindo kaNomakhwezi ngokuya ekhulelwa lukhofukhofu de ngamanye amaxesha amane ehlasimla.√√ (3)

1.1.8 UYolisa obeziswe ngenjongo yokudunga umzi uphela eyintsika yekhaya bakusweleka abazal√√/sisekubeni ebezimisele ukuziphindezela kanti uza kugqibela eluncedo ngokuba ngumama kuMpumelelo esakubhubha yena Nomakhwezi.√√ (2)

1.1.9 Kwinqanaba lokujiya kwezinto√, kuba impixano iya ithatha unyawo kuba obu bukhwele bukaNomakhwezi bukhokelela kwisiganeko sokusweleka kwakhe nomyeni wakhe.√√ (3)

1.1.10 Sesokuphilisa umntu owayeligeza elincanywe ngabanye oogqirha.√√ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Wayepheshe ya eScotland.√ (1)

1.2.2 Oweliso√/owokubona.√ (1)

1.2.3 Ukuba ungumlinganiswa owomeleleyo.√√ (2)

1.2.4 Ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo.√√ (2)

1.2.5 Ezokusebenza eLusikisiki.√ (1)

1.2.6 Kukuhla kwengeniso ngenxa yokunqaba kwabathengi bebangelwa sisimo sikaNomakhwezi√/ukuhla kwenani labathengi ngenxa yokunqandwa nguNozililo√/ukuqhekezwa kwevenkile kubiwe iimpahla ezikuma-R3 500√/ilinge lokutshiswa kwevenkile ngootsotsi abathengwe nguNozililo elaphazanyiswa ngamapolisa.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.7 Sesokuthengwa kwevenkile kaMosia ngabakwaNtsibande,√ nto leyo evuse umnyele kuNozililo obeyifuna, sesi senzo kanye esibangele ukuba uNozililo angabathandi abakwaNtsibande ngenxa yomona nobuhlanga.√√ (3)

1.2.8 Ngoweshwangusha eliza kwehla.√√ (2)

1.2.9 UMpumelelo ngumlinganiswa oyintloko kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni√/ isihloko sebali sibhekiselele kuye√/ unabachasi abangabakwaMakhwetshu kunye nabaxhasi abalusapho lwakhe√/ unenjongo afuna ukuyiphumeza, ekukufunda nokugcina umzi wakwaNtsibande.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani

## ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 Ngumakazi wakhe.√ (1)

2.1.2 Yokuba uNkosikazi Hobe ufumana ubunzima bokuthetha ngokukhululekileyo ngale nto athetha ngayo.√√ (2)

2.1.3 Kukuthi bhutyu phantsi etshica phambi kukaHlobo√/kukucela uxolo kwizinyanya.√ (1)

2.1.4 Sesokuya kukaHlobo *eMoonglow Night Club.*√√ (2)

2.1.5 Sisifaniso.√ (1)

2.1.6 B√ /B. Lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe√/ lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe.√ (1)

2.1.7 Intetho le inentsingiselo yokuba umntu uze akananto.√ Unenjongo yokufuna ukusizelwa nguHlobo akholelwe ukuba ngokwenene uLinda unento yokwenza nokubulawa kukaEddie Maga ukuze kungabikho nento eyoyamanisa umkhondo namalungu ase*Moonglow Night Club*.√√ (3)

2.1.8 Unkosikazi Hobe uza emapoliseni ngenjongo yokubelekisa uLinda ityala lokubulala uEddie kanti ekugqibeleni kuza kubanjwa yena njengombulali kaEddie.√√ (2)

2.1.9 Kwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba iziganeko ziya zinyukela ngokunyukela√√/ kuyaqaleka ukufumaneka ubungqina obalatha umkhondo.√√ (3)

2.1.10 Sesokubamba abona babulali baka-Eddie Maga noLulama Zuma√√/ sesokuvelisa inyani ngokufa kukaEddie nokuthengiswa kweziyobisi e*Moonglow*.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Wayevela emzini wakhe.√ (1)

2.2.2 Oweliso√/owokubona.√ (1)

2.2.3 Ungumlinganiswa onesibindi.√√ (2)

2.2.4 Ibali liqhubeka kwixesha lokhanyo.√√ (2)

2.2.5 Ihlebo ababenalo.√ (1)

2.2.6 Kukuhlaselwa kwakhe nguDuma xa wayetyelele uLinda Monti emzini wakhe√/ ukungafumani mntu wesibini othenge *iMink Coat* efana nekaLinda Monti√/ubunzima bokufumana isishicileli esiyiTape Recorder√/ukulahlekiswa ngunkosikazi Hobe√/ ukungasebenzisi izikhuseli xa ethatha umpu kaLinda√/ukuwa kwakhe e*Moonglow* kutake zonke izinto ezimveza ukuba ungumcuphi.√

[Nasiphi isibini kwezi]. (2)

2.2.7 Sesokufunyanwa kukaEddie Maga noLulama Zuma befile kwimoto ebutyobo. Kwaze kwafunyanwa namanxeba embumbulu kuEddie, loo nto yakhokelela ekubeni kuphandwe umbulali.√√√ (3)

2.2.8 Ngowokuba izinto ezenzeka kule *Moonglow* zizinto ezingahlambulukanga nezingcolileyo.√√ (2)

2.2.9 UHlobo ungumlinganiswa oyintloko kuba nguye umcuphi ophanda ityala√/kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni√/unabachasi abakwiqela lase*Moonglow* kunye nabaxhasi, uLizzie, uSajini Ngqondi noJoe Bumba√/unenjongo afuna ukuyiphumeza yokufumana abona babulali bakaEddie Maga noLulama Zuma.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 Usisithandwa sakhe√/usisinqandamathe sakhe√/ngumntu ancuma naye.√ (1)

3.1.2 Eyokuba uZanele sisithandwa sikaMawonga ekukuphela kwaso.√√ (2)

3.1.3 Ngowokuncuva amadoda√/ngowokutya imali yamadoda.√ (1)

3.1.4 Sesokuya kukaMaziko kwaMadala ngenjongo yokutshisa uMawonga ukuze ibe nguye inqununu yaseNobutho *Primary school*.√√ (2)

3.1.5 Sisimntwiso√/ubaxo.√ (1)

3.1.6 B√/B. Lelokuba umdlalo ubaliswa ngokuzithethela kwabalinganiswa√/lelokuba umdlalo ubaliswa ngokuzithethela kwabalinganiswa.√ (1)

3.1.7 Intetho le inentsingiselo yokuba angamenzela nantoni na ayifunayo.√ Injongo kukumlinga ambone ukuba ukulungele na uMawonga ukungena ezindlekweni ngaye.√√ (3)

3.1.8 Into yokuba uZanele athi umthanda uMawonga selelele ayihambelani neyona nto yenzekayo kuba akamthandi koko injongo yakhe kukuzalisekisa impindezelo kaNdila.√√ (2)

3.1.9 Kwelokujiya kwezinto,√ kuba ziyaqhuba iziganeko zempindezelo kaNdila ngakuMawonga Loni ziya zinyukela ngokunyukela.√√ (3)

3.1.10 Uye wanxila emsebenzini wangaphangeli kakuhle.√√ (2)

**KUNYE**

### ISICATSHULWA F

3.2 3.2.1 Endlwini kaFuneka eMdantsane kwa*NU 3*.√ (1)

3.2.2 Owokuva√/owendlebe.√ (1)

3.2.3 Ozithembileyo√√/ongenalusini.√√ (2)

3.2.4 Umdlalo uqhubeka kula maxesha okhanyo.√√ (2)

3.2.5 Kungokuba akasafuni kwanto ibadibanisayo kuba bagqibile ngoMawonga.√ (1)

3.2.6 Kukugxothisa uNdila√/kukuthelekisa uNdila noMawonga√/ kukunyoba uMadala ukuze kurhoxiswe uMawonga emsebenzini kungene yena.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.2.7 Sesokuboniswa kukaMawonga nguMaziko√ ukuba uNdila usela utywala emsebenzini athume nabantwana besikolo ukuba bamthengele utywala ngexesha lesikolo, nto leyo ikhokelele ekugxothweni kukaNdila kulandele impindezelo.√√ (3)

3.2.8 Ngowempindezelo eza kwenziwa nguMawonga.√√ (2)

3.2.9 UMawonga ngumlinganiswa oyintloko kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena√/ unezinto ezimenza athandeke√/ ukwindawo ebalulekileyo ebomini bakhe njengoko eyinqununu yesikolo√/ ube nesikhwasilima sokusela esithe samkhokelela kwisiwo sakhe√/impixano ijikeleze yena√/ube nokuzisola kanye xa kuza kuphela ibali√/akufa ibali liye laphela.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 4: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

### 4.1 ISICATSHULWA G: 'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu

4.1.1 Ngumhlali walapha eDikeni.√ (1)

4.1.2 Yokuba uMaqhazolo uzijula ijacu√√/uyazincama.√√ (2)

4.1.3 Ngowokungena ezindlwini zamadoda aseDikeni zithathe into eziyifunayo ngendelelo.√ (1)

4.1.4 Sesokuphuma kwamadoda ezindlwini zawo kwakubanjwa isela alixangxatha.√√ (2)

4.1.5 Sisifaniso.√ (1)

4.1.6 B √ /B. Lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe√/ lelokuba ibali libaliswa ngumbhali ngokwakhe.√ (1)

4.1.7 Lithetha ukungabonakali ngesiquphe.√ Apha ezi zikrelemqa zathi zakuva isandi serhuluwa zaduka azaphinda zibonakale kwashiyeka esasingxwelerhekile kuphela.√√ (3)

4.1.8 Kusisigqebelo ukuba amadoda aseDikeni abeqhele ukuhamba ngeekawusi ezindlwini zawo, alale ncwaba ngezisu akuyalelwa zizikrelemqa, namhlanje aphuma izithuba ephethe izixhobo eleqa izikrelemqa esezibalekile de afune ukugqibezela neso sele senzakele.√√ (2)

4.1.9 Kwinqanaba lovuthondaba√ kuba iziganeko zifikelele encochoyini xa izikrelemnqa ebezitshutshisa abantu baseDikeni zidutyulwa zide zibaleke.√√ (3)

4.1.10 Sesokudubula izikrelemqa ebesele zigqugqisa kweli laseDikeni.√√ (2)

**KUNYE**

### 4.2 ISICATSHULWA H: 'UMNTU AKALAHLWA' – LL Ngewu

4.2.1 EThembeni.√ (1)

4.2.2 Owokuva √/owendlebe.√ (1)

4.2.3 Onovelwano√√/onobubele√√/onosizi.√√ (2)

4.2.4 Ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo.√√ (2)

4.2.5 Kungokuba wayengakwazi kugqitha kwilizwi likaMathidala.√ (1)

4.2.6 Ukufelwa yimfuyo ibulawa ngumbendeni√/ukumitha kwabantwana bakhe bengatshatanga√/ukubiwa kweenkomo zakhe√ ukufuna uncedo kubantwana bakhe akuba ebhangile aze angalufumani.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.7 Sesokumitha kukaThandile√ nto leyo ebangele ukuba ohlwaywe qatha nokukhutshwa kukaNobesuthu noNomtha esikolweni.√√ (3)

4.2.8 Ngowokuhlola isehlo esibi esinokuhla phakathi kwekhaya.√√ (2)

4.2.9 UMathidala ngumlinganiswa oyintloko kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni √/isihloko sebali sibhekiselele kuye√/unabachasi abangabantwana bakhe kunye noTyhobeka/unenjongo afuna ukuyiphumeza ekukululeka abantwana bakhe ngendlela yakudala ngokubathathela zonke izigqibo√/uthatha inyathelo lokohlwaya qatha ze kudaleke intshukumo ebalini√/impixano ijikeleze yena√/ube nokuzisola kanye xa kuza kuphela ibali.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

### UMBUZO 5: *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli

5.1 **'AMASELE PHEZU KODONGA' – MM Duka**

5.1.1 Yimvano siphelo.√ (1)

5.1.2 Iveza ukuba umzi wakwaSele uphume ngobuninzi bawo.√√ (2)

5.1.3 Imbishimbishi.√ (1)

5.1.4 Iinyoka zifungele ukutya amasele.√√ (2)

5.1.5 Sisimntwiso.√ (1)

5.1.6 B√/B. Umbongo ubaliswa yimbongi ngokwayo√/umbongo ubaliswa yimbongi ngokwayo.√ (1)

5.1.7 'Kwee nzwanga kungekho nosebezayo.' √√ (2)

5.1.8 Oweliso√ /Owokubona.√ (1)

5.1.9 Umqolo wama-24 wakhiwe ngamagama amathathu kanti umqolo wama-25 wakhiwe ngamagama amane.√√ (2)

5.1.10 Sesokuba eze necebo elihle lokuba kuliwe kanti kwakuthi gqi inyoka ende kuqala yena Ndubule ukubaleka.√√ (2)

5.1.11 Ufanelekile kuba ukhwebula abantu kwizenzo zokuthengisana nokungabi nanyani namqolo√√/ufanelekile kuba basekho ookhwel' ecingweni aboyikiswa zizinto ezingenamsebenzi abebenokuzoyisa xa benokumanyana, bahlukane nokugxekana.√√

Okanye

Awufanelekanga kuba ubuntsomirha.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2 **'FUNZELA ENZULWINI' – SSM Mema**

5.2.1 Ubomi bunzima.√√ (2)

5.2.2 Yeyobungozi okanye izinto ezinokuba yimiqobo endleleni eya empumelelweni.√√ (2)

5.2.3 Idabi yimeko yomlo efuna ukuzimisela nokuzinikela√ ngoko ke imbongi izama ukuthi umntu kufuneka azincame izinto azithandayo azimisele alwe nemiqobo emthintela kwimpumelelo yakhe.√√ (3)

5.2.4 Imiqolo ye-13 ukuya kowe-15 ithetha ngokuba ukuze ukwazi ukuya phambili ebomini kufuneka ungajongi kwizinto esele zigqithile kananjalo nesihloko sithi yiya phambili ungabuyi ngamva.√√ (2)

5.2.5 (a) (ii)√/(ii)sikhwebula kwabangendawo√/ isikhwebula kwabangendawo.√
(b) (iii)√/(iii) Isikhuthaza ukuba somelele√/ isikhuthaza ukuba somelele.√ (2)

5.2.6 Zozibini zakhiwe ngemiqolo emine.√√ (2)

5.2.7 Makangazilibazisi ngezinto ezingazukuba nanzuzo, ahlale exhobile ngezixhobo aza kuzisebenzisa ekufumaneni into ayifunayo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2.8 Ngamachule iint' eziwa ngamadolo.√ (1)

5.2.9 Yokuba ebomini ayikho into elula umntu makanyamezele kuza kude kulunge√√/ubomi ngumzamo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**